# POSSIBLE ANSWERS FOR:

**ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI**
**UHLELO OLUPHAKAMILEYO**
**( Iphepha lesibini ) 927 - 1/2M**

## ICANDELO A

### UMBUZO 1

**ISISILA SEHOBE (Idrama)**

1.1 B. nguMahlwantsana (1)
1.2 B. Uphangwe imali yakhe yonke. (2)
1.3 C. eRhodesia (1)
1.4 NgokaZoro no-Izabhela. (4)
1.5 U-Izabhele uhlatywe ngemela nguZoro xa kanye azama ukuthetha inyaniso ngeenjongo zabo zokubulala uDineka. UZoro udutyulwe nguMahlwantsana emva kokuba ehlabe u-Izabhela. (6)

1.6 Ndililolo (2)
1.7 Ukhuthuze imali kaDineka waza wamkhaphelele eRhodesia ukuze aye kubulawelwa khona. ngokwemiyalelo kaNomatshamba. (3)
1.8 Ubengumchola-choli wephepha-ndaba. / ekwanguMhleli walo. (2)
1.9 Kaloku uQalisile wahendwa nguNomatshamba ngemali. Wathi baza kutshata bakuba bezuze intywenka yemali. Wayila icebo lokukhuthuza uDineka osisityebikazi. Wayalela uQalisile indlela amakayizuze ngayo loo mali ngokuthi akhohlise uDineka ngomtshato. akugqib ayithathele kuye yonke imali yakhe. (4)
1.10 Ngumntu oselusizini / osengxingweni / ongakwazi kuzinceda nganto. (3)

1.11 Kukuzamla. (2)
1.12 Basemotweni kaNomatshamba. / Basuka esitishini eMafikeng. (2)
1.13 Yintombazana ekhohlakele kakhulu. Uthanda imali gqitha. Akamkhathalele omnye umntu. Unyolukile kwaye ulawula amadoda. Ukhohlisa abafana abaninzi abasebenzisele ukufezekisa iinjongo zakhe ezingcolileyo. (4)
1.14 A. Yinkosikazi yakhe. (1)
1.15 B. Wayezimisele ukumbambisa isisila sehobe. (1)
1.16 Xa engafuni kuthethwe kakubi ngaloo mntu. (2)

= [40]

## ICANDELO B

### UMBUZO 2

**KHALA - ZOME (Imihobe)**

2.1 Ubuhle bomhlaba. (2)

2.2.1 Phaya ezadungeni. (2)
2.2.2 Phaya emathyolweni. (2)
2.2.3 Phaya ezindywaleni. (2)
2.3 Kuxoxwa amatyala. (2)
2.4 C. nokuxhentsa (1)

2.5 A. nobuhle bendalo (1)

2.6.1 emitshatweni (2)
2.6.2 emathyolweni (2)
2.6.3 emakhaya (2)

2.7 Ibonisa ukuba uSibindi lo akakhethe bani, uyafumaneka nakongakanani na umntu. (2)
2.8 A. Kukulwa (1)
2.9 C. nokubulala (1)
2.10 Ngumahlal' exhobe kade. (2)
2.11 Kukoyika (2)
2.12 Bubutywala (2)
2.13 - Ubanamabhongo.
- Kungavuka iqungo.
- Angagebenga umntu. (6)

2.13 Kungokuba bungumnqatsa okwentaba. (2)
2.14 Ngeengongoma. (1)
2.15 Iyembiwa. (1)
2.16 Ukuphuhlisa ubunzima bokuzuza ubudoda. / Ubunzima bezifundo. (2)

= [40]

## ICANDELO C

## UMBUZO 3

**IMBADU (Amabal' amafutshane.)**

3.1 C. Iinzingo zomoni. (1)
3.2 B. eMaTipheni (1)
3.3 C. ngobusela (1)
3.4 Wayeyifumene evenkileni yaseSheshegu, eyebile. (4)
3.5 Kuvuke into ejingxelayo. (2)
3.6 - Wanethwa waba litixi.
- Wawa wabetheka ngentloko elityeni.
- Wopha kwetha amandla.
- Wasindwa nangakumbi yingxowa kuba imanzi.
- Wafika umsinga uzele, usihla nemfuyo.
- Kwanyanzeleka ukuba adade ukuze awelele ngaphesheya. 2x3 = (6)

3.7 Ilishumi elinambini. (2)
3.8 Ubuye ebusuku wafika indoda iqhuma ngumsindo. (2)
3.9 Uphawule ukuba kuloo minwe ityebileyo kayise, mnye ojonge ngakunina, emithathu ijonge kumniniyo. (3)
3.10 Yadaniswa kukufumanisa okokuba umfazi lo ebeye kupha uninazala isipho, njengoko yayisisikhumbuzo somhla wokuzalwa kwakhe ngaloo mini. (3)
3.11 Sifumanisa ukuba musa ngokuqala ufikelele kwisigqibo ngesenzo somntu ungekayiva inkcazelo ezeleyo ngesenzo sakhe. Kwakhona sifumanisa okokuba xa uthyola omnye umntu ngezenzo zakhe, qala uzihlolisise okokuba wena umsulwa kangakanani na? Iminwe le emithathu yalatha kuwe ngelixa wena usalatha abanye, njl.
(5)

3.12 A. Mhla sancama. (1)
3.13 C nguNovenkile (1)
3.14 Ngunomtidili kaMamThembu. (2)
3.15 Wayecela kakhulu. (2)
3.16 Bancama imali yabo yokugqibela, baMthengela yonke into awakha wayicela kubo uNovenkile. Kunjalo nje bathenga kakhulu, bambiza bampha eso sisulu. (4)

= [40]

# ICANDELO D

## UMBUZO 4

### SASINOCWADI KWATANCI ( Uncwadi lwemveli )

4.1 Kwathiwa ingabodlala ngasehlathini kude kutshone ilanga. (3)

4.2 - Yakuba idlale lade latshona ilanga, yahamba nabahlobokazi bayo bagoduka.
- Endleleni yakhumbula ukuba ilibele iqhiya kanina. Yajika yodwa kuba benga-vumi ukuyikhapha abahlobo bayo. Yafika kulaa ndawo babedlalela kuyo kuhleli umntu omkhulu, kanti lizim. Layibamba layifaka engxoweni, layiqamangela. Lathi liyakuyitya ngesopholo kuba lalisahluthi okwaloo mzuzu. (5)

4.3 Badlala ixesha elide kakhulu. (2)

4.4 C. Ekuqaleni kwehlathi. (1)

4.5 Ngethamsanqa izim laya kungena ekhayeni lale ntombazana. Lafika lacela amanzi, lathi liza kubavisa ugaga lwayo. Bathi "sivise" laza latsho ngentonga kwintombazana engxoweni, lisithi mayicule. Yacula kalusizi kakhulu, baliva ilizwi layo abazali. Banika izim ibhekile evuzayo bathi maliye kuzikhelela amanzi emlanjeni. Ngelixa lisalibele, basala bekhupha intombazana leyo, baza bafaka zonke zonke izilo nezinambuzane ezilumayo kuloo ngxowa. Bayifihla intombazana. (5)

4.6.1 Oomakhulu
4.6.2 iimpondo
4.6.3 izinti ezinweleni
4.6.4 - Chosi - chosi yaphela intsomi. / Phela - phela ngantsomi. 1x4 = (4)

4.7 - Iintsomi
- Iingoma zakwaNtu
- Amaqhina qashi-qashi
- Izibongo zomthonyama
- Izaci namaqhalo

2x4 = (8)

4.8.1 <u>Isiziba siviwa ngodondolo.</u>

Kuyinene ukuba intonga eludondolo yayisetyenziselwa ukuva ubunzulu besiziba. Ithatyathwe le meko iyinene yasetyenziselwa ukuphuhlisa nto yimbi ngoku. Ngale ndlela ke kufuneka ungqamanise laa meko yokuviwa kwesiziba ngodondolo, kunye neemeko ngeemeko zasekuhlaleni. Eli qhalo ke lisetyenziselwa ukukhuthaza umntu ukuba angayincami into engayivelelanga macala onke. (5)

<u>Akukho sibonda siguga namaxolo aso.</u>

Nakweli qhalo kungqanyaniswa izinto ezenzeka endalweni kunye nezo zenzeka ebantwini. Njengokuba emthini kubonwa ngokuwa kwamaxolo ukuba umthi lowo uyaguga, nasemnt-wini zibakho izinto ekubonwa ngazo ukuba uyaguga. Ngale ndlela isiganeko esithile sica-ciswa ngesinye isiganeko. Ngale ndlela kuqatshelwa iindawo izinto ezifana ngazo. (5)

4.9 C. ngamakhwenkwe (1)
4.10 Amaqhina qashi-qashi./Rayi-rayi (1)

= [40]

## ICANDELO E

### UMBUZO 5

**UMAKHWEKHWETHA ( Inoveli )**

5.1 B. nguMakhwekhwetha (1)
5.2 B. ngumcuphi (1)
5.3 B. Akenzanga nto. (1)
5.4 C. Mhla ukufa kusembizeni. (2)
5.5 NguMkhuma. (2)
5.6 Sithetha ukuba umntu unzulu. (2)
5.7 Hayi. Sasingenzanga nto. Sasizama ukukhusela unyana waso nekungoyena mntu wayetshise indlu. Sakhululwa kwaze kwavalelwa oyena menzi wobubi. (4)
5.8 Uthandana nomfazi wesithethi esi. / Wachitha umzi wesi sithethi. (2)

5.9 NguNonzame. (2)
5.10 Kukuhlaselwa nokuphangwa imali. (2)
5.11 Akambonanga. bekummnyama kule ndawo ahlaselwe kuyo. (2)
5.12 NguMakhwekhwetha noSiphuka. (2)
5.13 Emva kokugxothwa kommangali lipolisa. wacaphuka uMakhwekhwetha waza walilandela ngokwakhe eli tyala. Kwafumaniseka ukuba oyena mntu uhlasele. wakhuthuza uNonzame ikwalelnya polisa belimgxothe ngelixa ebeye kumangala. Labanjwa lavalelwa. kwaza khululwa mfo wumbi owayesele evalelwe ngeli tyala. (5)

5.14 B. Babeke bathandana. (1)
5.15 C. nguJoe. (1)
5.16 Ibhotile yamanzi ashushu. (2)
5.17 Kukuhlala phantsi (esitulweni) (2)
5.18 Ibhotile enamanzi ashushu. (2)
5.19 Babefuna intsangu. (2)
5.20 Yafumaneka kumqamelo obelekwe lixhegokazi. (2)
=

[40]